URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Redewan Larney
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Redewan.Larney@westerncape.gov.za | 021 467 2337

Inombolo yefayili.:27/R
Isalathiso : 20230221-1637

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko: 0001/2023

To: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko nakuBaphathi beeSekethe

ISihloko: Imigaqo yokuqeshwa kweenqununu ezigcina izikolo (*curator/caretaker principals)*

1. INtloko yeSebe leMfundo ibixakene nezicelo zokuqeshwa kweenqununu, abaphathi beesekethe nabanye abasebenzi bezithili zemfundo abadla umhlalaphantsi amabalawule izikolo ngenxa yezizathu ezahlukeneyo.

2. Injongo yale migaqo kukunceda ii-ofisi zezithili zemfundo ekugayweni, ekukhethweni nasekutyunjweni kweenqununu zemvumelwano kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

3. ISebe leMfundo liya kukuthathela ingqalelo ukuqeshwa kwenqununu edla umhlalaphantsi, umphathi wesekethe, namanye amagosa ezithili zemfundo abanamava olawulo achaphazelekayo, ukuba abe yinqununu egcina isikolo (*curator/caretaker principal)* kwizikolo ezisandula ukusekwa, kwizikolo ezineeKomiti zoLawulo zeZikolo ezingasebenziyo, kwizikolo eziqhuba kakubi ezingenanqununu esisigxina, okanye kwizikolo apho izithuba zesekela-nqununu zingenamntu yaye kunzima ukuqesha ibambela ukwenzela kwithuba elingadlulanga kunyaka omnye.

4. Xa kutyunjwayo, isithili masiqinisekise ukuba umtyunjwa lowo
4.1 Ufanelekile ngokwamabanga emfundo ayiqeqeshelweyo
4.2 Uneminyaka eli-10 nangaphezulu yamava olawulo nolawulo olufanelekileyo njengenqununu yesikolo esiqhuba kakuhle, kunye/okanye njengegosa lesithili;
4.3 Makabe nezakhono zolawulo eziphum' izandla zokulawula isikolo, ootitshala, abafundi, abazali kunye nezokujongana nemingeni yabahlali besikolo; yaye
4.4 Abe ngongazange ayekiswe enkonzweni ngenxa yokugula okanye yokungaziphathi kakuhle.

5. Ii-ofisi zezithili zemfundo maziqinisekise ukuba zilandela inkqubo emfutshane yokugaya nokukhetha abasebenzi, ebandakanya ukwenza oku kulandelayo:

5.1 Udliwano-ndlebe olujolise kubuchule kuLawulo lwaBasebenzi (*People Management),* kuLawulo lweSikolo (*School Management*) (Ezolawulo), ukugxininisa kuLawulo lweKharityhulam *(Curriculum Management*), nobuchule kulawulo lwamaQela/imiButho naBantu abachaphazelekayo *(Stakeholder Management competencies*); kunye

5.2 Nomsebenzi oyiprakthikhali.

6. Ukuvumela lowo kudluliselwe kuye amagunya enze isigqibo enolwazi, makungeniswe isicelo esimiselweyo esiqulethe le ngcaciso ilandelayo kuMlawuli oyiNtloko weZithili:

6.1 Incwadi ebhaliweyo enika izizathu ezixhasa ukuqeshwa kwakhe;

6.2 ISivi eneenkcukacha ngezakhono namava omtyunjwa kunye nobungqina bayo nayiphi na impumelelo yakhe yokufaneleka njengenqununu kunye/okanye njengegosa lesithili;

6.3 Imizuzu yodliwano-ndlebe;

6.4 Ifom i-*DPE1* (ifom yesicelo sengqesho sikatitshala);

6.5 Iinkcukacha zebhanki zomtyunjwa; kunye

6.6 Nenombolo yerhafu.

7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-A MEYER
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2023-02-28